Confidential

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NKANGA 2025

AMANQAKU: 70

IXESHA: Iiyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Uvavanyo Lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(30)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	Imizuzu engama-50
ICANDELO B:	Imizuzu engama-30
ICANDELO C:	Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A noB ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

ISICATSHULWA A

UYINTONI NA KANYE UMLILO?

1 Umlilo uyaxaka, siyawoyika, siyawufuna. Uxaka ngeendlela ezahlukileyo ezitolika ukusebenza kwawo okubonakala kwiintetho, izenzo neemvakalelo zabantu zemihla ngemihla. Yakhe yathi inkosi yabaThembu baseRhode, 'Into yomlilo iyaxaka kuba izol'oku bekonwatyiwe, kutshiswa amatayara ngelibhiyozela ukwamkela unyaka omtsha. Ngesanamhlanje isifingo, uMaXaba ezants'apha, ndiva ekhwaza, *"Fire! Fire!",* ndiyambuza ukuba uphi na umlilo, uthi yena ugxotha umshologu, uyoyika. Ngoku ndiyawaxakiwe oonoteksi banomsindo bangaphaya kwedike lomlilo batshisa amatayara. Ngelabo banyanzelisa urhulumente ukuba asombulule ingxaki yabo. Kanti ukuthi 'mlilo' kuthetha ntoni?'

2 Intetho yenkosi yenza udide umlilo yakuveza ukuba abonwabileyo bathath'umlilo, abanomsindo bavez'umlilo, aboyikayo babiz'umlilo. Abawuchazayo baxakisa okwabo. Uthi omnye lidangatye, omnye athi lilahle, ixake xa nomnye athi ngumlilo nalaa lozi lozi usehlathini phaya-a-a abe nophethe imatshisi yodwa esithi uphethe umlilo. Basilahle mpela abathi umlilo yinto etshisayo. Kuthi qatha ukungabinadangatye kovundu namanzi, lube nosana olunefiva kusithiwa lungumlilo ukutshisa oku. **Mhlawumbi okosana sekubhekiswa ekubaxekeni kobushushu obukukutshisa njengomlilo hayi ukutshisa okungumlilo. Ingathi umlilo obaswayo sowubondene nomlilo ononga ukuthetha uneenjongo zokubaxa.**

3 Umlilo uxaka sele usetyenziswa njengomqondiso kwiintetho ukuze utyhile iqondo lochukumiseko kuvakalelo ngento echazwayo. Ungalityhila iqondo lobushushu bothando, obomsindo kanti nokwenza kakuhle komntu kwinto ethile. Iwathatha phi intetho amandla okwenza umqondiso ngokusebenzisa umlilo? Kokuya kufanekiswa kwento namanqanaba okuvutha komlilo. Khumbula, umlilo sisiphumo sokuqhwitha. Kwakuqhwithwa kuphuma idangatye, lakukhula idangatye, uyadwanguza umlilo. Uthotha, ufe emva kokudwanguza, kusale amalahle asenokubanothuthu okanye aphele eluthuthu okanye eluvundu. Anobungozi amalahle agqunywe luthuthu okanye aluvundu kuba ukutsha akucingeleki nakubani. Kutsho ukuthi intetho iyawasebenzisa amanqanaba omlilo ngenjongo yokuqaqambisa iimvakalelo zezithethi ngento ethile.

4 Umqondiso olinqanaba lomlilo elikukuqhwitha uthi sele usicacisa gca isenzo sokuthi into isaqala ibe seyibanamandla kodwa uxakise. Kusuka kuthiwe uthando, intetho, umsindo ziyaqhwitha nazo xa zithe zisaqala kwabonakala iziqwenga. *Neembaleki zerileyi ziyaqhwitha kuba azizifudumezi, zibalekela*

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ukuzaphula kusasukwa. Kufaniseka nokuqhwitha komcinga kuba wona uhleli uzitshisa iintupha engekalumeki nesibane obeqhwitha. Kaloku abufuneki nganto ubungakanani bomlilo ukuze kuvakale ukutshisa kwawo. Kuyacaca ukuba amava okutshiswa ngumlilo esithethi nawomameleyo abayibhlorho yokuqonda nokuqondisa imiyalezo. Amava ayakunxulumanisa okuthethwayo nokusebenza komlilo wokwenyani.

5 Neencoko eziqhutywa ngetekhnoloji umlilo uyavela ungomnye kwimiqondiso exakayo yothando. Lo mlilo siwoyikayo xa uzii-*emoji* uchukumisa, ufukame iimvakalelo zothando, ezovuyo nezolonwabo. Uva intswahla apho bakhoyo oorheme neenzwakazi. Umlilo wolonwabo uphenjwe ngemifanekiswana elukrozo yomlilo ebizwa *emoji* abaqhwitha balumeke ngayo ulonwabo kwimiyalezo ka*WhatsApp.* Ii-*emoji* eziyimifanekiso eligqange lomlilo ziqhwitha zilayite imililw**ana** kwiintliziyw**ana** ezilangazelela uthando. Yi-*emoji* engumlilo ethe ngcu ezantsi komfanekiso ofikayo womfo okanye wentombi kaNantsi ebonakala iziphuthumile, icikiziwe exhokonxa imikhwazo, 'Watshaaa!!!' 'Sitshi-ise singabakho!!' 'Siiiiiiii! Masambe Madangatye!!!' 'Ungumlilo mntase!!' Urheme okanye intokazi iyabobotheka, iphendula nge-*emoji* eyintliziyo ekhatshwa yengumlilo. Nalo ke idangatye langaphakathi elingumlilo wokuzithemba, ubone exhuma, enyuka esehla, okhe amaxhaga, avakale esithi, 'sinjalo kaloku thina ekhaya'. Isengumlilo ozisa ubuhlungu noloyiko na ke lo?

6 Makhe sindwendwele icala lomlilo, elichukumisa iimvakalelo zokoyika emntwini. Abaneenkumbulo zeziqwenga ozenzayo bankwantyiswa nakukuliva lilodwa igama, 'umlilo'. Wubone xa uvala iindlela kude kucace ukuba makhe kulindwe, uthi de kuba besoyika ukulumekeka. Uyavala endlwini ngaphakathi nasemotweni umlilo, batshe babeluthuthu abangaphakathi. Ekuncomeni nasekukhuzeni ukuziphatha, umsindo womntu ufaniswa nomlilo ongalawulekiyo, odlwayizayo nanjengoko ukudlwayiza komlilo kusithiwa ngamalangatye. Imvakalelo yokoyika ithinteka kumXhosa kwakuthiwa ebevuth'amalangatye.

7 Umlilo ongulozilozi, nguwona mncinci ngenkangeleko kodwa uxaka ngokuba wakusetyenziswa njengomqondiso udala umfanekiso ntelekelelo wethemba kwabakhasa phantsi kwentlungu. Indawana ekwingoma kaZahara ingqina ngokuthi, ekupheleni kwetonela kukho ulozilozi wethemba lokuphumela. Ulozilozi ukukukhanya okungenamandla makhulu omlilo kangangokuba ubungakanani bawo bungalinganiseka nokukhanya kwenkanyezi. Kodwa indwadunge yomhambi eyoyika ukuxinwa ziziporho nezithunzela kwesikabhadakazi, ingenaso nesinye isixhobo sokuzilwela, ithembela kulozilozi wokukhanya ukuzikhupha kwisithokothoko sobumnyama.

8 Abupheleli ubuchule bokuchaza ukubangumlilo komlilo de oqondiswayo abe wayekhe wawubona ukwimeko ekuqondiswa ngayo. IsiXhosa sihlumisa izagwelo zokuthetha kwiintlungu ozenza ebantwini umlilo kunye nolonwabo abalufumana kuwo. Uyingxaki enjalo ukufuneka umlilo.

[Sithathwe ku-Vimba wabevi]

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ISICATSHULWA B

[Uthathwe ku-ww.southafrica.net]

IMIBUZO: ISICATSHULWA A

Jonga kumhlathi woku-1

1.1 Xela into eyenza uxake umlilo ngokwalo mhlathi. (1)

1.2 Nika zibeMBINI izinto okubonakala kuzo ukuxaka komlilo ngokwalo mhlathi. (2)

1.3 Khankanya zibeMBINI iinjongo abawusebenzisele zona abantu umlilo ngokwentetho yenkosi. (2)

Jonga kumhlathi wesi-2

1.4 Dwelisa zibeMBINI iimvakalelo ezingafaniyo eziqhubela abantu ekusebenziseni umlilo. (2)

1.5 Chonga kwimigca ebhalwe ngqindilili, abemaBINI amagama, anika ingcinga yokuba isicatshulwa siyayithandabuza intsingiselo esiyinikayo ngegama 'umlilo'. (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

Jonga kumhlathi wesi-3

1.6 Xela ukuba iwathatha phi intetho amandla okwenza umqondiso ngomlilo ngokwalo mhlathi. (1)

Jonga kumhlathi wesi-4

1.7 Caphula kwisivakalisi esibhalwe bukekela isihlanganisi esithetha ukuba ukungazifudumezi sisizathu sokuthi ziyaqhwitha iimbaleki. (1)

Jonga kumhlathi wesi-5

1.8 Ngqina ngolwazi olukulo mhlathi ukuba ii-*emoji* ziyakuphelisa ukoyika umlilo ngokwalo mhlathi. (1)

1.9 Khetha ukuba isimamva u'-ana' sisebenze ukuncoma na okanye ukuphoxisa ngokwendlela esisebenze ngayo kulo mhlathi. Cacisa impendulo yakho. (2)

1.10 Xela isiphumo sovakalelo emva kwemikhwazo eyenziwa kwakufika umfanekiso okhatshwa yi-emoji yomlilo. (1)

Jonga kumhlathi wesi-6

1.11 Nika isizathu sokoyika kwabantu kwakukhankanywa igama 'umlilo' ngokwalo mhlathi. (1)

1.12 Xhasa ukuchaneka kokufaniswa komsindo nomlilo odlwayizayo ngokwalo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi wesi-7

1.13 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi malunga nobuncinci bomlilo. (2)

Jonga kumhlathi wesi-8

1.14 Caphula isivakalisi esithetha ukuba umntu ongakhange awubone umlilo akukho lula kuye ukuqonda intsingiselo yezagwelo ezingomlilo. (1)

1.15 Chaza ukuba isiXhosa sizithatha phi izagwelo zokuthetha ngokwalo mhlathi. (1)

Jonga kwitekisi A yonke

1.16 Xela udidi lwabantu abafanele ukufunda esi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ISICATSHULWA B

1.17 Xela zibeMBINI izinto onokusetyenziselwa zona umlilo ngokwakulo mfanekiso. (2)

1.18 Ngqina ukuba umfanekiso uyaluxhasa uluvo lokuba umlilo uyafuneka. (2)

1.19 Cacisa indlela lo mfanekiso ozithoba uzinyuse ngayo izibilini zomntu ofunde umhlathi wesi-6. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA

ISICATSHULWA C sithetha **ngokunokwenziwa ngumntu ukuze abenokuzola nokuzithemba kwiintetho neengxoxo**. Shwankathela ngamazwi akho unike iingcebiso **ngokunokwenziwa ngumntu ukuze abenokuzola nokuzithemba kwiintetho neengxoxo azenzayo**.

QAPHELA:

1. Bhala UMHLATHI ongenaziphene usebenzisa amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma EZISIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

ISICATSHULWA C

YENZA INTETHO UNOKUZOLA NOKUZITHEMBA

Inyaniso kukuba sonke sibanexhala xa siza kwenza intetho kwinyambalala yabantu, ingakumbi xa sifuna ukubonakala sinolwazi olunzulu noluphangaleleyo ngento esithetha ngayo. Nakwiingxoxo ukubhabhazela nokuthethela phezulu ziimpawu zokungazithembi kwanokuxhomekeka kwiimbono zabanye abantu ngesikuthethayo. Onezakhono zokuzola nokuzithemba angaphumelela kwiintetho neengxoxo athatha inxaxheba kuzo.

Ophala angxamele ukugqiba kwintetho ayenzayo ubashiya abamameleyo bengawuvanga nowona myalezo agxile ukuwudlulisa. Unokuqinisekisa ukuzola ngokulawula indlela aphefumla ngayo ukwenzela omameleyo abone kufanelekile ukuba aphulaphule ukuze aqonde.

Ukuqonda nokuvakala asinto inye. Baninzi abacinga ukuba ivakala intetho bakuphakamisa ilizwi. Makathethe ngethoni ephantsi, azole ukuze ubetheleleke umyalezo wakhe. Akuthethwa ukuba mayithotywe ithoni kude kungaviwa nokuthethwayo.

Ivakala kamnandi intetha yomntu okusebenzisa ngengqiqo ukunqumama. Abantu banokukusebenzisa ngengqiqo ukunqumama ukuze bahlale bezolile bangaphahluki kwaye bakunqumama ngokuzithemba bakwetyisa lula abaphulaphuleyo okuthethwayo.

Ukwenza intetho kusenokulandelwa yimibuzo yabaphulaphuli. Ukungazilungiseleli kungenza sibenexhala isithethi sibhude kwintetho yaso. Icebiso lisekubeni aze seleziqwebile iimpendulo zemibuzo enokuvela. Kumenza azole, angoyiki, azithembe nokuzithemba kwintetho yakhe. Bubuchule obusebenza kakuhle kakhulu nakwiingxoxo apho ixesha nengqondo ezinzileyo zifuneka kakhulu.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

Ukuhlonipha izimvo zomntu ngamnye kwiingxoxo sisakhono esizizinzisayo zonke izithethi kuba siyaqinisekisa komanyelweyo ukuba umanyelwe weviwa. Isithethi esihlonipha ezinye kwiingxoxo sibanokuzola sizithembe. Makazihloniphe izithethi kunxibelelwano nabantu okanye umntu axoxa naye nangokumana eshwankathela iziqanaqwana zengxoxo yabo kanye apha phakathi engxoxweni.

Liyinene elokuba bakho abantu abathetha bencedisa ngezandla kodwa kwahlukile ekuhesheni kuba kona kudiza ukungabinantlonipho. Ubusazi ukuba izijekulo ezihambelana namazwi ziyiqhubezela incoko namazwi ngokucacisa atsho nobengaqondanga azibone eyinxalenye yencoko okanye ingxoxo? Zola, ukhulise umyalezo wentetho okanye ingxoxo okuyo ngokuchana izijekulo kuba ziqinisekisa ukubandakanyeka komntu wonke.

Ubakho umntu othi ngoku selencokola abambe umzimba. Ukukhululeka komzimba kwiingxoxo nentetho kwenza nabaphulaphuli babone ukuzola nokungathandabuzi kothethayo. Qinisekisa ukuzola nokuzithemba ekudluliseni umyalezo ngokusebenzisa umzimba okhululekileyo. Abantu bayaqiniseka ukuba akayithandabuzi into ayithethayo ade abone sowuthengwa naloo mbono wakhe.

[Sithathwe ku-https://potomac.edu/how-to-learn-a-foreign-language]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo ntengiso (ISICATSHULWA D) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA D



[Ithathwe ku-http//www.ray-ban.com]

3.1 Nika zibeMBINI iindlela isibhengezo esenze ngazo umtsalane. (2)

3.2 Ngqina ngokukwisibhengezo ukuba iindondo zakwa*Ray Ban* zahlukile kwezinye iindondo. (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

3.3 Chonga ibinzana elicaciswa kakuhle ngumfanekiso wetapile kwisivakalisi esingezantsi.

'Ungade uqhotse amehlo akho uzibhutyule nobuso.' (2)

3.4 3.4.1 Khankanya umfanekiso ngqondweni odalwa kukusetyenziswa kwebinzana 'uqhotse amehlo'. (1)

3.4.2 Chaza indlela umfanekiso ngqondweni omqweqwedisa ngayo umthengi ukuba akhethe iindondo zakwa*Ray-Ban*. (1)

3.5 Khetha ukuba kwinjongo yokuthengisa iindondo zakwa*Ray-Ban* lichanekile na okanye alichanekanga igama, 'Ungade' alisebenzisileyo umthengisi. Xhasa impendulo yakho.

'**Ungade** uqhotse amehlo akho uzibhutyule nobuso.' (2)
[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

ISICATSHULWA E

[Ithathwe ku-www.babyblues.com]

4.1 Nika umsebenzi wamachokoza amathathu akwintetho kaTito ethi, 'Ndiza kuxe ...' ekwisakhelo 1. (2)

4.2 Chonga ibinzana elimenza u'IYHA-A!' atolikeke ngokungathi uyavuyelela ngokwakwisakhelo 1. (1)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

4.3 Khetha ngezantsi udidi lolwimi olusetyenziswe kwimpendulo kaZuzu njengoko icatshulwe kwisakhelo 1.

'Owu yhini! Mntase. Ungamxeleli torho.'

A Oludlelelelayo
B Olucengayo
C Olugxagxamisayo
D Olunocalucalulo (1)

4.4 Chaza injongo engalunganga kaTito ngoZuzu ayibonakalisa ngokuzigquma amehlo kwisakhelo 3. (2)

4.5 Ngqina ukuba isenzo sikaTito esikwisakhelo 3 sokuxela uZuzu asihambelani nenjongo equlethwe ligama u'nokuba' ngokwesakhelo 2. (2)

4.6 Cacisa umyalezo ewudlulisayo le khathuni ngokuthemba okanye ukuthembeka komntu. (2)
[10]

UMBUZO 5: IPROZI

Funda esi sicatshulwa (ISICATSHULWA F) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA F

MASIVUSELELE UBUHLOBO

1 '**Andisele lakubulawa nini makwedini**', Kutheni ingathi uthe nqa? Kaloku ubuhlobo bakhiwa ngeendlela ngeendlela. Litsho isele lithwele unyana womntu limkhupha emanzini limsa kunina. Ngeli xesha unina usentlungwini yokulahlekelwa ngunyana wakhe. Uya kuzigqibezelela mphulaphuli okanye ubuze kwizinto zoMasoka zona zilaziyo ibali. Bude ubomi. Uya kuncedwa ngumntu ongamaziyo, umntu odibana naye apha esithubeni. Benditshilo kaloku, zininzi iindlela zokwakha ubuhlobo. 5

2 Baye bathi abanye bethetha, *isihlobo* sokwenene, sisihlobo sezinyo. Bathetha ngokuthetha bekhusela *ubuhlobo* babo. Kuthiwa benzelana izinto ezintle ezinkulu nezingalibalekiyo kubomi babo. Ude lowo umhlobo odlule nozalwa naye umntu ngovelwano nentsebenziswano. 10

3 Kanene bakhiwa njani? Mhlawumbi kungona unomdla wokubakha. Akukho nanxamleko andithethi ke ngabo ubunzima, abukho. Yinto elula. Yenza le nto inga ingenziwa kuwe. Mcingele omnye xa umbona esengxakini. Zama ukuncedisana naye aphume kuloo meko. Anditsho mna umntu omcinezelayo omnye athande ukumbona xa esengxakini ecinezelekile. Hleka ngexesha loko, kwaye uhlekise, uvuye ude uvuyise nabanye. Lila xa kufuneka kunjalo kwaye ulilisane nabanye. Yenza oko unga kungenziwa kuwe. 15

[Sithathwe kwincwadi *Uvimba ngokubhalwe ngu*KN Qamata nabanye; iphepha 34]

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

5.1 Xela umsebenzi weempawu zocaphulo kwisivakalisi esibhalwe ngqindilili.
'Andisele lakubulawa nini makwedini'. (1)

5.2 Lungisa isiphene sopelo kwigama elinomgca ngaphantsi.

... ubuze kwizinto zoMasoka zona zilaziyo ibali. (1)

5.3 Chaza umahluko kwintsingiselo eziswe zizimaphambili zamagama 'isihlobo ... ubuhlobo' asetyenziswe kwisicatshulwa. (1)

5.4 Chonga amagama amaBINI achazayo kwisivakalisi esingezantsi.

Kuthiwa benzelana izinto ezintle ezinkulu kubomi babo. (2)

5.5 YINYANI/BUBUXOKI ukuba isakhi u'ngo' esibhalwe ngqindilili siqulethe intsingiselo yokuba bathetha phantsi komxholo wokuthetha? Xhasa impendulo yakho.

Bathetha **ngo**kuthetha abantu bekhusela ubuhlobo babo. (2)

5.6 Chonga igama eliyalelayo kwisivakalisi esingezantsi.

Yenza le nto unga ingenziwa kuwe. (1)

5.7 Bhala imo elandulayo yesi sivakalisi singezantsi.

Mcingele omnye umntu. (1)

5.8 Chaza intsingiselo eziswa sisimamva esinomgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

Hleka ngexesha loko, kwaye uhlekise, uvuye ude uvuyise nabanye. (1)
[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.